

Qulani mzi' ontsundu!

NOMONDE NGQOBA

Book Selector

Ndivumeleni mzi wakwaXhosa ndamkele aba babhali basakhasayo kumathala ethu eencwadi. Ulwimi lwabantu abantetho esisiXhosa malungatshabalali ababhali bekhone. Kubafundi boncwadi lwestiXhosa, icekwa lilele kuni.

Amagqabantshintshi ngababhalı

Loyiso Maurice Mgqatsa

NdinguLoyiso Maurice Mgqatsa nowaziwa ngegama elithi 'Ikhoboka losiba'. Ndazalwa ngomhla wamashumi amabini anesibini kwiryan-ga yeKhala kunya ka-1984. Ndizalwa nguNonkongozelo Mgqatsa eMpuma-Koloni kuQumbu. Eyona nkwenkwezi yam yi-Khensa.

Ndingumntu othanda ukutya umngqusho, umvubo ukanti nen-yama. Xa ndihleli ndingenzi nto ndiyemela umculo wokholo walapha ekhaya. Kuyo yonke imibala ekhoyo ndizithandela umbala omnyama. Akukho nto ndiyithanda njengenkonzo, ukubhala ukanti nokuncokola nabanye abantu sisakhana. Imidlalo endiye ndizive ndonwabile xa ndiyibukele, yibhola ekhatywayo namanqindi. Ng-enye imini ndinqwenela ukuqhuba inqwelo-mafutha yakwa Toyota ekuthiwa yi-Yaris.

Iincwadi ezibhalwe ngumbhali zezi;

Ntliziyo ndikhulule.- L.Mgqatsa, 2008.

Isilonda siphola ngokuthunukwa.- L. Mgqatsa, 2009.

UNtliziyo ndikhulule yincwadi yam yokuqala neyi-drama nendiyib-hale ngonyaka ka-2008. Apha kule ncwadi sifumana umlinganiswa ophambili ogama linguVuyo nothi ashiywe sisinqanda-mathe sakhe

uPortia ngokuthi ayokuthandana nomnye umfo ogama linguVuyani. Emveni kwale ntlungu ithe yamehlela uVuyo uphela efumana esinye isinqanda-mathe esinguBulelwa nabangazange bahlale thuba lingakanani wacela umtshato, ngokwenene baye batshata exesheni. UBulelwa uye wakhulelwa kwaze ngexesha lokubeleka wabhubha loomntwana wayekhulelwe.

UPortia yena kwelakhe icala zazimhambela kakuhle izinto waze uVuyani wagqiba kwelokuba makayokubona abazali bakh eMpuma-Koloni, eshiya uPortia kuloo ndlu babehlala kuyo. Ingxaki yaqala xa kufikelela ixesha lokuba uVuyani ebuyele eKapa kuba ufile kowabo wathatha umfazi ngokukhawuleza noxa wayethembise uPortia, ngoku uPortia uyagxothwa nguVuyani. UPortia uzifumanele eyakhe indawo yokuhlala. Kulapho kanye zaye zabuya zonke iingcinga ngobom bakhe ngexesha aliphile kunye noVuyo. Uthe esakufikelela nzulu kwezo ngcinga wagqiba kwelokuba ayokucela uxolo kuVuyo, ngokwenene ukwenzile oko. UVuyo walwamkela uxolo lukaPortia kodwa wamxelela okokuba loo nto ayithethi ukuba bangaphinda bathandane kuba yena sele etshatile.

Eric Klaas

UEric Klaas wazalwa ngo-1962 eGeorge waza wakhulela eKapa. Emveni kokuphumelela ibanga leshumi eSt. Francis kwaLanga, uye waya kufunda eCape Peninsula University of Technology nalapho aphumelele khona isidanga se-BTech kwezobuntatheli ngonyaka ka-2007. Ngomnyaka ka1999 uye waseka iphepha-ndaba, elalipapasha ngokwenzeka ekuhlaleni kwilokishi zaseKapa.

Ngomnyaka ka-2009 uphumelele izifundo zobutitshala kwidyunivesiti yaseNtshona-Koloni. Xa ebekuqeleshlo lobutitshala uncedise ekupapasheni incwadi yemibongo nabafundi baseThandokhulu ethi **Izibongo zaseThandokhulu**. Ngoku un-gumfundisi wolwimi IwesiNgesi eChris Hani High eKhayelitsha. Nalapho uneqela labafundi abangababhalu, nabathe bapapasha incwadi esisihloko esithi **Poems from Chris Hani High**.



Ukwanguye nomsasazi kwa-Radio Zibonele, aphi onwabiso abaphula-phuli ngomculo we-Jazz Classic. Ixesha lakhe ulichitha kwithala lweencwadi, efunda iincwadi zabanye ababhalu, lincwadi ezibhalwe ngumbhali zezi;

Intlalo yoluntu.- Klaas Institute, 2007.

Kulo mhlaba.- Klaas Institute, 2008.

Gugulethu Seven.- Klaas Institute, 2009.

Intlalo yoluntu

Le yincwadi yamabali amafutshane, ibhalwe ngokonwabisayo ikwanika nemfundiso eluntwini, malunga neemeko esiphila phantsi kwazo kule mihla.

Gcotelwa Veronica Mwahlensi

UGcotelwa Veronica Mwahlensi uzalelwé kwilali yakuNofotyo waza wakhulela khona. Ufunde amabanga akhe aphantsi kwaMweli Junior

Secondary School.

Udlulele eHebe-

Hebe Senior

Secondary School,

nalapho aphumelele

khona ibanga le-

shumi. Emva koko,

uye waqeleshlo

ubutitshala kwiziko

loqeleshlo tweet-

itshala iDower,

eBhayi, Ngenjongo

zokuphuhlisa

imfundo yakhe

kwezobutitshala, ud-

lulele kwidyunivesiti

iVista. Ukhe wathi

tshe nakwidyunives-

iti yaseBhayi (UPE)

esiya kuqeleshlo

ukubhexesa iikwa-

yara nalapho achithe khona unyaka, ekolo qeqesho.


Ufumbethe zonke izidanga zakhe aziqokelele eBhayi, wenjenjeya ukusinga eKapa. Ukhe wasebenza ithutyana njengotitshala obambeleyo kwizikolo zamabanga aphantsi iVukani Primary eLower Crossroads, naseLinge Primary eNyanga East. Ngomnyaka ka-2009 ube ngusihlalo weqonga lababhalu besiXhosa apha eKapa.

Xa engekho emsebenzini okaMwahlensi uthi achithe ixesha lakhe kunye nabantwana benginqi yasePhilipi ababizwa ngokuba zi-Kids in Art Production, aphi benza umdaniso, umculo ngakumbi i-piano nerecorder.

lincwadi ezibhalwe ngumbhali zezi;

Ngenelela Somandla.- Klaas Institute, 2008.

Babuyil' abazingeli.- G. Mwahlensi, 2009.



Le ncwadi esihloko esithi **Ngenelela Somandla**, yinoveli elan-dela ubomi buka Nobandla. Ibuthatha kwaNofotyo eNgqa-makhwe ibuse eKapa, ize iphinde ibubuyisele kwaNofotyo. Lo mama wayephila ubomi obumnandi kakhulu de kwafika ixesha lokuba umyeni wakhe, uSigegeza aphelelwé ngumse-benzi. Uthe akuphelelwé ngumsebenzi, walifulathela ikhaya lakhe kungekho namnye kusapho lwakhe owayesazi apho akhoyo. Eso yaba sisqalo sobomi obukrakra awathi wabuphila uNobandla.

Madoda Gcwadi

Madoda Gcwadi ungumbhali, umfundisi, nesithethi esazi-wayo jikelele. Isakhono abalasele ngaso kukufundisa umdlalo weqonga. Sele ziliqela iincwadi azibhalileyo zaseqongeni ezathi zaqhutywa kwiGrahamstown National Arts Festival nase-Artscape. Usathe gqolo ukwakha isizwe ngokuthi azibandakanye nemibutho ejolise ukwenza inguqu ekuhlaleni. Unenkolelo yokuba amabali oluntu kufanelekile ukuba abhalwe ukuze isizwe sakowethu sibe namathala olwazi. UMadoda ngoku ungu lawuli weqonga lababhali elizibizwa ngokuba, yilkapa Writers Forum.

lincwadi ezbihalwe ngumbhali zezi;


Yintw' engekhoyo leyo.- M. Gcwadi, 2009.

Sekunjalo.- M. Gcwadi, 2009.

Ubuntu bubomi.- Logic Bks., 2010.

Kolu ncwadi umbhali ubhala ngamahlandenyuka obomi bosapho lukaSabelo. USabelo lo uhlala nenkosikazi yakhe uNodumo owaye efudula engutitshalakazi odumileyo kodwa ke ngoku ebesele esidla umhlala phantsi nomyen i wakhe ngokunjalo. Apha emzini wabo bahlala nentombi yabo engu-

noNozizwe engu-mabuy' ekwendeni. UNozizwe akazange ayamkele into yokuchithakala komtshato wa-khe, nto ke leyo yamenza wasoloko eneengcwangu de waphelelwé nayimbeko ebaZalini bakhe. Ngami-nazana ithile unina wafumana indaba zokuba omnye wentombi zakhe uyacelwa. Yayiyim-incili kubazali kuba kwakuza kun-gena iinkomo apha ekhayeni. UNoz-izwe kwelakhe icala



Madoda Gcwadi

wafunga wamunca intupha ukuba soze udade wakhe endele 'kwikrwererekwere'. Umbhali kule ncwadi ugxininise ikakhulu kwimeko uluntu oluphila kuzo, ingakumbi indlela abantu bom-Zantsi Afrika ababaphatha ngayo abanye abantu abaNtsundu abavela kumanye amazwe.

Brian Khaya Buqa

UBrian Mntuwekhaya Buqa uzalelwé eNtshona- Koloni kwidolophu yaseKapa. Ufuduwe waya kwidolophu yaseNgqamakhwe kwilali yakuBongithole. Amabanga akhe aphezulu uwafunde eSophakama Senior secondary School kwilali yaseHebe-hebe. Umbhali lo uye wahlukana nesikolo ngenxa yamahla-ndinyuka obomi kwanezinto ebezimombethe ekukhuleni kwakhe. Lenkwenkwana yombhali iye yenjeneya isinge eKapa, iyokuza-mana nendlela yokuphila. Ndisitsho ngoku nje yindoda eye yathatha isigqibo sokubuyela esikolweni.

Incwadi ebhalwe ngumbhali ithi;

Iyelenqe.- B. Buqa, 2009.

Le ncwadi ingomfana ongumnxusi kwilokishi yaseNyanga. Umama walo mzi anxuse kuwo ufuna atshate intombi yakhe. Lo mfana ufuna ukutshata ntombi yimbi awayeyenze nzima. Umama lo uphethe embambisa ngelithi udlwengule intombi yakhe encinci engazinto ngokudlwengula kangangokuba icinga ukuba le nto ikukudlwengula ngumdlalo.

Nomthandazo Joyce Tukwayo

Qhude maniki-niki zindala zombini. INgqosinikazi lizalwa nguMadosini Makhonjwa kuTsolo kwilali yakuNomnala kwe-likaiTyhali inkosi yamaMpondonise. Ndinesakhono sokubhala, ndingumntu othanda ukuma eqongeni kwinkqayi abangabad-lali beMarimba. Ndungumphula-phuli wentengiso kumabona kude nakoo nomathotholo. Ndinababhalu endibathandayo ababhalu ngolwimi IwesiNtu izihloko zeencwadi zabo ezi zezi 'Masibaliselane/ ibhalwe nguBurns Ncamashe, Nosel' eyibet-hile akakayoji ibhalwe nguNT Gwegwe. Okunye ndimthanda kakhulu uSomandla owandipha esi saksono sokubhala kunye nemvumi ehlabela iingoma zomoya. Masihlinze impuku ke ngoku, nawe lo ndiyakuthanda, ncuma kaloku!

Iliso lam lichaphaze iinyembezi, ndazosula ke, ndatsho njalo ukuthabatha usiba ndisithi 'Ungafinci ke! Kuba ube sele ulibe nezintzo ezazisenziwa mandulo emakhaya. Zizo ke ezi-iquilathwe yile ncwadi. Yincwadi yam yokuqala le ndisakhasa mawethu okomntwana ofunda izinto. Ndiyabuya!

Incwadi ebhalwe ngumbhali ithi;

Ungafinci ke!-N. Tukwayo, 2009.

Ezinye zezincwadi zizakufumaneka kumaThala eencwadi kungeku-dala.